

NdinguMurunwa intombazana eminyaka isibhozo.

NdinguMashudu inkwenkwana eminyaka ilithoba.

Siza kunichazela ngeendlela ezahlukileyo amakhwenkwe namantombazana enza ngayo izinto kwaVenda.

Ndiyintombazana.

Xa ndibulisa ndithi “aa!”.Xa uthe wandibulisa ndikwaphendula ngokuthi “aa!”.

Le yindlela esibonisa ngayo intlonipho nokuziphatha kakuhle.






Ndiyinkwenkwe.

Xa ndibulisa ndithi “ndaa!” Xa uthe wandibulisa ndikwaphendula ngokuthi “ndaa!”.

Ndikwenza oku ukubonisa intlonipho, njengoko ecacisa uMurunwa.

Xa sibulisa okanye sinika abantu abadala ukutya, sibonisa intlonipho.  Amantombazana ayaqubuda.Amakhwenkwe ayaguqa.

Yindlela esibonisa ukuziphatha kakuhle.





Lo ngudadewethu omdala oku*khombani*-isikolo solwaluko.

Umama uthi kulapho amantombazana afundiswa khona  indlela ayakuthi anyamekele ngayo iintsapho xa endisiwe engabafazi.  Akwafundiswa nendlela yokupheka.

Lo ngumkhuluwa wam. Ubuyile evela ku*mulani* - isikolo solwaluko.

Utata uthi kulapho amakhwenkwe afundiswa khona ukuba ngamadoda, nendlela ayokuthi unyamekele ngayo  iintsapho ngenye imini.



Abantu baseVenda baziwa ngokusinda nokurhida ezindlini zabo. Oku kwenza imigangatho neendonga zibukeke kakuhle.





Singamakhwenkwe sixhentsa umxhentso obizwa ngokuba yi tshikona. Sixhentsa ngezisusa namatheko akhethekileyo naxa sizonwabisa.

Lo ngumxhentso ochulumancisayo!

Singantombazana sixhentsa umxhentso obizwa ngokuba yidomba. Sixhentsa idomba komkhulu ngezisusa namatheko akhethekileyo.

Nawo ikwa ngu mxhentso ochulumancisayo.



Amantombazana namakhwenkwe akwanomxhentso awuxhentsa kunye. Wona ubizwa ngokuba yi*tshifase.*



Lo mxhentso siwuxhentsa kwimitshato sibe sinxibe isinxibo somthonyama esibizwa ngokuba yi*minwenda.*

Abantu baseVenda ngabantu abahloniphekileyo abanenkcubeko entle kakhulu.

Siyazingca ngobuVenda.

